**EyoKwindla 2017**

Zihlobo Ezithandekayo

Kule nyanga sibhiyoza kunye namkhosikazi elizweni lonke njengenxenye yomhla wamakhosikazi ezweni. Umxholoka 2017 walo mbutho uthi 'Khaliphela Inguquko'.

Ndiye ndaqala ngokucinga ngamakhosikazi asebhayibhileni, awayekhaliphele ukuzisa inguquko. Amakhosikazi awayephilela uThixo ekhonze abantu bakhe ngeziphiwo nangezenzo zawo. Ntokazi inye efika engqondweni uDeborah, umprofetikazi-mgwebi, efumaneka kwincwadi yabaGwebi 4:1–4.

uDeborah lo yiyo kuphela inkosikazi ekhankanywayo ebhayibhileni, waxelela uBarak ukuba iNkosi uThixo kaSirayeli, wamyalela ukuba akhokhele uhlaselo ngokujongane namandla eKumkani. uBarak wathandabuza ukuthobela iNkosi, kodwa uDeborah wamkhumbuza ngendlela ekhaliphileyo isithembiso sikaThixo. UDeborah wayeyinkosikazi ekhaliphele inguqu.

Kusithatha ntoni ukuba ngamakhosikazi akhaliphele inguqu? Ngaba sizimisele kusini na ukuba lilizwi lamakhosikazi angenalo? Ngaba sizimesele na ukulwela inguquko yamakhosikazi aphethwe kakubi nalahliweyo kwindawo ezithile elizwenin amhla? Masithandaze sifune uThixo wethu asinike ubulumko namandla okuphakamela abo bavalwe imilomo benyelisiwe.

Inkosikazi nganye idalwe ngomfuziselo kaThixo. Masime kunye njengokuba sithandazela isibindi sokukhaliphela inguquko. Sibe ngamakhosikazi anokutsho ukuthi ayakholelwa kuThixo, kwaye siyazi ukuba unguThixo wemimangaliso. Akwaba singangamakhosikazi akholelwa ekubeni uThixo uyakubona okwenzeka kodade bethu abangananzekanga. Amakhosikazi anikela ngexesha lawo, iitalente, okanye ubuqili bokunceda ukutshintsha izithili, iilali, izixeko, namazwe ngenxa kaYesu.

Namhlanje, xa nibuthelana ndawonye emthandazweni, hlanganani ngoku thandazela amakhosikazi elizweni lonke ukuba abe nokukhaliphela inguqu. Kuphi apho kudingeka isibindi? UThixo ukubizela ukuba uthethe nabani ukuze bakhumbuzeke ngezithembiso zakhe ebomini babo namhlanje?

Nizintombi zakhe, ezibizelwe ukuthandaza nibe nokukhaliphela inguqu ezintliziyweni zamakhosikazi kwilizwe liphela. Intliziyo yam ibuhlungu kunye neyakho xa sikhaliphele ivangeli ngethemba lokuba iintliziyo ezininzi zimanyene nentliziyo kaThixo ngonyana wakhe, uYesu.

Kuye intliziyo zethu zigcobile

Peggy Banks

Global Ministry Director
TWR Women of Hope/Project Hannah